



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**IMPENDULO YESIXEKO
KUKUNGABINAMAKHAYA NOKUNCEDA
ABANTU BASUKE EZITALATWENI**

Imibuzo Ebuzwa Rhoqo

Igqityelwe ukuhlaziywa: 20 kuCanzibe 2022

Q	Leliphi inqanaba likarhulumente elinegunya ngokomgaqosiseko ngabantu abahlala ezitalatweni?
A	Urhulumente wesizwe nowamaphondo ubambisene ukubamba igunya lomgaqo-siseko kunye nohlahlo lwabiwo-mali lweenkonzo zentlalo-ntle, okubandakanya ukubhaliswa kunye nokuxhaswa ngezimali kweendawo zokuhlala zokhuseleko eziphantsi kweeNGO. Njengorhulumente onenkathalo, iSixeko sihamba phambili nangaphaya kwesigunyaziso sikamasipala sokunceda abantu basuke ezitalatweni. Inkqubo Yethu Yenkathalo, ukunceda basuke ezitalatweni, ibandakanya: • Ukufikeleleka koncedo lobuyiselo kwisimo sangaphambili sokungasebenzisi gwenxa iziyobisi • Ukuncediswa ngokuBuyiselwa ekuhlaleni • Ukuncediswa ekufumaneni incwadisazisi kwakunye nesibonelelo sentlalo-ntle • Ukuncediswa ngezicwangciso zophuhliso lwesimo sakho • Ukufikelela kumathuba ethutyana omsebenzi <u>ngeNkqubo yezeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo (EPWP)</u> • Ukufikelela kwindawo yokuhlala yokhuseleko kwiziko elilawulwa yiNGO okanye kwiNdawo eKhuselekileyo elawulwa siSixeko

Q	Bangaphi abantu abahlala ezitalatweni eKapa?
A	Ngokobalo lakutshanje lweSixeko ngeyeNkanga ka2018, kwakukho malunga nama4000 abantu abahlala ezitalatweni, kunye nama2000 kwiindawo zokuhlala zokhuseleko ngelo xesha. Idatha yoBalo luka2022 kulindeleke ukuba ivelise ulwazi olungakumbi kumanani angoku.

Q	Yintoni ebangela okokuba abantu bade bayokuphelela ezitalatweni?								
A	Izizathu zokuba abantu bahlale ezitalatweni zibangelwa bubume nobuyena. Ukungabi namakhaya kungaxulunyaniswa nokungaphangeli, ukuphela kobudlelwane phakathi kosapho, inkqubo yentlalontle engonelisiyo, ukulahlekelwa likhaya, intlalo yasezidolophini, ukukhutshwa endlini, unobangela wezentlalontle nezomthetho, kananjalo nemiba yobuwena enje ngokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukugula ngengqondo, okanye nokubandakanyeka kulwaphulomthetho. <table border="1"> <thead> <tr> <th>Uhlobo</th><th>Ingcaciso</th></tr> </thead> <tbody> <tr> <td>Ezingapheliyo</td><td>Abo bangenamakhaya isithuba sexesha elide, amaxesha amaninzi banengxaki yokusebenzisa gwenxa iziyobisi okanye ukugula ngengqondo. Olu hlobo lokungabinakhaya alixhaphakanga kakhulu.</td></tr> <tr> <td>Okungenakulungiseka</td><td>Abantu abahlala kwiindawo zokuhlala zokhuseleko lwexesha elithile elifutshane ngenxa yesehlo sombhodamo, ikakhulu ingabantu abatsha, abanyanzelekileyo ukuba baye kwindawo yokhuseleko yabangenamakhaya ixesha elifutshane. Olu lolona hlobo lokungabinakhaya luxhaphakileyo.</td></tr> <tr> <td>Ngamaxesha athile</td><td>Abo basoloko bengena bephuma kwimeko yokungabinakhaya, amaxesha amaninzi basebatsha, ngenxa yokuphtathwa gadalala, ukungaphangeli, ukugula nengqondo, iingxaki zonyango okanye iimeko zosapho.</td></tr> </tbody> </table> Kukho iintlobo ezahlukeneyo “zokungabi namakhaya”, ezinokuthi zihlulwe zibe ziindidi ezintathu eziphambili: Amacandelo angaphantsi kolu lwahlulo abandakanya abantu abaye bafumana ukuwohloka kobudlelwane bosapho kwaye bashiye ikhaya ngenxa yoko; ‘iinqwelwana zemini’ ezifudukela kwiindawo apho kukho amathuba ezoqoqosho (kubandakanywa nabantwana basezitalatweni); abakhululwa ngengqawule okanye ababefudula bekhululekile kwingqawule abahlala kwiindawo ezivulekileyo zoluntu; abantu abanezifo zengqondo; kunye nabantu abashiywe beswele kwaye balele rhabaxa.	Uhlobo	Ingcaciso	Ezingapheliyo	Abo bangenamakhaya isithuba sexesha elide, amaxesha amaninzi banengxaki yokusebenzisa gwenxa iziyobisi okanye ukugula ngengqondo. Olu hlobo lokungabinakhaya alixhaphakanga kakhulu.	Okungenakulungiseka	Abantu abahlala kwiindawo zokuhlala zokhuseleko lwexesha elithile elifutshane ngenxa yesehlo sombhodamo, ikakhulu ingabantu abatsha, abanyanzelekileyo ukuba baye kwindawo yokhuseleko yabangenamakhaya ixesha elifutshane. Olu lolona hlobo lokungabinakhaya luxhaphakileyo.	Ngamaxesha athile	Abo basoloko bengena bephuma kwimeko yokungabinakhaya, amaxesha amaninzi basebatsha, ngenxa yokuphtathwa gadalala, ukungaphangeli, ukugula nengqondo, iingxaki zonyango okanye iimeko zosapho.
Uhlobo	Ingcaciso								
Ezingapheliyo	Abo bangenamakhaya isithuba sexesha elide, amaxesha amaninzi banengxaki yokusebenzisa gwenxa iziyobisi okanye ukugula ngengqondo. Olu hlobo lokungabinakhaya alixhaphakanga kakhulu.								
Okungenakulungiseka	Abantu abahlala kwiindawo zokuhlala zokhuseleko lwexesha elithile elifutshane ngenxa yesehlo sombhodamo, ikakhulu ingabantu abatsha, abanyanzelekileyo ukuba baye kwindawo yokhuseleko yabangenamakhaya ixesha elifutshane. Olu lolona hlobo lokungabinakhaya luxhaphakileyo.								
Ngamaxesha athile	Abo basoloko bengena bephuma kwimeko yokungabinakhaya, amaxesha amaninzi basebatsha, ngenxa yokuphtathwa gadalala, ukungaphangeli, ukugula nengqondo, iingxaki zonyango okanye iimeko zosapho.								

Q	Senza ntoni iSixeko ukunceda abantu basuke ezitalatweni emva kweMeko yeNtlekele yesizwe?
A	Imeko yesizwe yeminyaka emibini yentlekele kunye nefuthe lezoqoqosho elinxulumeneyo likhokelele kumanqanaba angenakuthelekiswa nanto okungabinamakhaya esixekweni – nabantu abaninzi abalala kwiindawo zikawonkewonke, kubandakanywa iindlela zokuhamba, iipaki, iindawo zokugcina iindlela, naphantsi kweebhulorho. Ngenxa yale meko, yimpendulo eyodwa kuphela nengazange ibonwe ngaphambili eya kunceda abantu basuke ezitalatweni zaseKapa kwaye iqinisekise ukuba iindawo zikawonkewonke ziyafumaneka ukuze zisetyenziswe ngokubanzi luluntu. ISixeko saseKapa sijongene nale meko ngokuthi: - Sandise iiNdawo eziKhuselekileyo eziqhutywa siSixeko ngaphaya kweCBD kunye neBellville: IR142 yezigidi iyonke yabelwe ukusebenza nokwandisa la maziko kule minyaka mithathu izayo. Enye iR10 yezigidi yabelwa kobu busika ukuze kwandiswe iibhedi kwiindawo zokuhlala zokhuseleko eziphantsi kweeNGO. Ukunyusa iinzame zokuvavanya iimeko zabo basezitalatweni, kunye nokubonelela ngeendawo yokuhlala yokhuseleko okanye uncendo loluntu: UPhuhliso loLuntu lweSixeko kunye nabasebenzi beECD ngoku baxakeke yinkqubo yesixeko ngokubanzi yokuqhuba uhlobo lwentlalo yabo bahlala ezitalatweni. Oku kuquka izizathu zokungabi namakhaya, impilo yomzimba nengqondo, iimeko zokuhlala, kunye nemithombo yengeniso. Oku kuya kubangela ukuthunyelwa koncedo loluntu, olunokubandakanya indawo yokuhlala kwindawo yokuhlala okanye indawo yokuhlala yokhuseleko elawulwa siSixeko. Ukufumana imiyalelo yenkundla malunga nokuhlala ngokungekho mthethweni kwiindawo zikawonkewonke: Ngenxa yokupheliswa koBume beNtlekele kuzwelonke, iinkundla azisafunwa ngummiselo ukuba ziqwalasele ukunqumamisa ukugxothwa. Nangona kunjalo, uMthetho kaMasipala weZitalato zeSixeko awuphambuki kwimfuno yomyalelo wenkundla apho isakhiwo sithathwa njengendawo yokuhlala phantsi koMthetho wokuThintela ukuKhutshwa ngokuNgekho Mthethweni nokuHlala ngokuNgekho Mthethweni eMhlabeni (PIE). Kwezo meko, iSixeko siya kufumana umyalelo wenkundla oyimfuneko, kwaye siqinisekise enye indawo yokuhlala yokhuseleko okanye iindawo ezikhuselekileyo zibonelelwe, apho oku kunobulungisa nobulungisa. Ukuvumela ukusetyenziswa ngokufanelekileyo koMthetho kaMasipala weZitalato: Apho uMthetho wePIE ungasetyenziswa, iSixeko siya kusebenzisa umthetho kamasipala weZitalato ngolu hlobo lulandelayo: • Abasebenzi boPhuhliso loLuntu lweSixeko kunye nabasebenzi beECD benza uhlobo lwentlalontle yomntu kwaye babonelele ngoncedo loluntu / indawo yokuhlala yokhuseleko. • Ukuba kwaliwe, umsebenzi odibeneyo kunye nonyanzeliso lomthetho lwenzeka apho indawo yokuhlala yokhuseleko iphinda inikezelwe. • Ukuba kwaliwe kwakhona, isaziso sokuthotyelwa siyakhutshwa, esibonisa amanyathelo, umhla wokugqibela, kunye neziphumo zokungathobeli. • Ukuba ayithotyelwanga, isaziso esibhaliweyo sinokukhutshwa ukuze sivele enkundleni. Izibonelelo zoncedo loluntu kunye nendawo yokuhlala yokhuseleko zihlala zikhona ngamaxesha onke. • Ukuba umntu akaphumeleli ukuvela, inkundla inokukhupha isigunyaziso sokubanjwa. • Kuya kuba senkundleni nakubatsutshisi ukumisela indlela eya phambili. ISixeko singathanda ukubona iinkundla zikhupha umyalelo wokubuyisela kwesimo sangaphambili, endaweni yokukhetha imilinganiselo yokohlwaya efana nezohlwayo okanye ukuvallelwa entolongweni. ISixeko siya kulandela le migaqo emihlanu ekhokelayo ekuncedeni abantu basuke ezitalatweni:

	1. IKapa kufuneka, okokuqala nokuphambili, ibe sisixeko esikhathalayo, esisoloko sizama ukunceda abantu basuke ezitalatweni kuqala. 2. Akukho mntu ufanele ukuhlala ezitalatweni. Oku akukhuselekanga, akunampilo, kwaye akunasidima. Ukwamkela izisombululo ezizinzileyo ezitalatweni lolona khetho lulungileyo lwesidima, impilo kunye nokuphila kakuhle. 3. Iindawo zoluntu zesixeko sethu zisebenzela iinjongo ezibalulekileyo zentlalo, uluntu kunye nezozoqosho, kwaye kufuneka zivuleleke kwaye zifumaneka kumntu wonke. Akukho mntu unelungelo lokugcina indawo kawonkewonke njengeyakhe yedwa, ngelixa esala ngokungenammiselo zonke izinikezelo ngendawo yokuhlala yokhuseleko kunye noncedo loluntu. 4. Akulotyala ukuhlala ezitalatweni ukuba awunakuzikhethela. Kuphela kusemva kokwala unikezelo lwendawo yokuhlala yokhuseleko kunye noncedo loluntu, apho umthetho uthabathe inyathelo lawo njengeniyathelo lokugqibela eliyimfuneko kulawulo oluzinzileyo lwendawo zoluntu. 5. ISixeko sikhuthaza iinkundla nabatshutshisi ukuba baqinisekise ukuba ukubuyisela kwisimo sangaphambili kuyathandeka kunezohlwayo ezohlwayo kunye nokuvalwa entolongweni, naphi na apho kufanele ukuba kwenziwe oko kwimiba enxulumene nokuziphatha okungavumelekanga kwiindawo zikawonkewonke.
--	--

Q	Zingaphi iindawo zokuhlala zokhuseleko ezikhoyo yaye zikweyiphi indawo?
A	Uluhlu olubanzi lweendawo zokuhlala zokhuseleko luyafumaneka kuRhulumente weNtshona Koloni (WCG). IWCG ligunya lobhaliso kunye nokongamela iindawo zokuhlala zokhuseleko, athi ubukhulu becala aqhutywe yimibutho engeyiyo karhulumente engenzingeniso (NGOs). Umthamo weebhedi zeendawo zokuhlala zokhuseleko eKapa umalunga nama2 446 ukususela ngoMeyi ka2022. Ngelixa iSixeko singagunyaziswanga ngokomgaqosiseko ukuba sisebenze okanye songamele iindawo zokuhlala zokhuseleko, sihamba ngaphezu komyalelo kamasipala wokuxhasa amaziko okhuseleko nokudala 'iindawo ezikhuselekileyo'. Kubekelwe bucala imali eyiR142 yezigidi ukuze isebenze kwaye yandise iindawo eziKhuselekileyo ezilawulwa siSixeko ngaphaya kweCBD kunye neBellville kule minyaka mithathu izayo. Iindawo eziKhuselekileyo zangoku kwiCBD kunye neBellville zibonelela ngendawo yokuhlala yokhuseleko, izidlo ezibini ngosuku, isicwangciso sophuhliso lomntu siqu, ukufikelela kubasebenzi bezentlalontle, amathuba okufumana umsebenzi kunye nokufudukela kwindawo yokuhlala esemthethweni okanye indawo yokuhlala, kunye nokubuyisela iziyobisi apho kuyimfuneko. Lilonke, izibonelelo zeNdawo eziKhuselekileyo zeSixeko zinomthamo wabantu abamalunga nama700 phantsi kweemeko eziqhelekileyo ezingathintelwanga yimilinganiselo yeCovid-19.

Q	Senza ntoni iSixeko ukuxhasa iindawo zokuhlala zokhuseleko kunye nokunceda abantu basuke ezitalatweni?
A	INkqubo yokuKhathalela kweSixeko yokunceda abantu basuke ezitalatweni ixabisa izigidi ezingamaR77 ngo2022/23. IKapa kuphela kwesixeko esikhulu eMzantsi Afrika esinikezela uhlahlo lwabiwomali lophuhliso loluntu kulo mba. • IYunithi yoBuyiselo ezinikeleyo yeengcali zophuhliso loluntu ibonelela ngongenelelo lwemihla ngemihla ukunceda abantu baphinde bakhe ubomi babo ngaphandle kwezitalato. • Amaziko 'eNdawo eKhuselekileyo' avulwe kwiCBD naseBellville enomthamo wonke wabantu abangama700 phantsi kweemeko eziqhelekileyo, onke abonelela ngezidlo ezi3 ngosuku, iingubo, oomatrasi kunye neepakethi ezingenanto ekungeneni, ukungenelela ekusebenziseni

	iziyobisi, uqeqesho lwezakhono, uncendo lwencwadi yesazisi, kunye nokufakwa emsebenzini kweEPWP. - Imikhankaso yoNyaka yokuLungela uBusika ukuxhasa iindawo zokuhlala zokhuseleko kunye nokuxhasa umthamo xa kufika imozulu embi kakhulu. Ngobusika buka2022, iR10 yezigidi ezongezelelweyo iya kuya ngqo ekwandiseni iibhedi kwiindawo zokuhlala zokhuseleko xa kufika imozulu embi kakhulu. - Uncendo luyafumaneka kubantu abaninzi abaphelela ezitalatweni - ngenxa yokukhotyokiswa ziziyobisi - ngokufakwa kwinkqubo yeSixeko iMatrix® yokusetyenziswa gwenxa kweziziyobisi. Phakathi kowama2016 – 2021, iSixeko senze ungenelelo olunentsingiselo ukunceda abantu basuke ezitalatweni kuquka: - Bangaphezu kwe1 550 abantu abahlala ezitalatweni abaxhamle kwiindawo zeEPWP zokufakwa kwemisebenzi ziinkonzo zophuhliso loluntu lweSixeko - Bangaphezu kwama575 abantu abahlala ezitalatweni abaye badityaniswa nosapho okanye abahlobo - Ngaphezulu kwe1 600 yeendawo zokuhlala zokhuseleko ezigqityiweyo ukunceda abantu ukuba basuke ezitalatweni ngokuzinzileyo Ngelixa iSixeko singenasigunyaziso somgaqosiseko sokuqhuba ngokuthe ngqo iindawo zokuhlala zokhuseleko, sizimisele ukuxhasa amahlakani ethu eeNGO, ngeR50 yezigidi zeerandi kwinkxasomali yoncedo ekhutshwe ngexesha lokuvalwa kwelizwe kuphela.
--	---

Q	Ukuba uncendo lwabantu abahlala ezitalatweni lukhona, kutheni lento uninzi lwabo lusahlala ezitalatweni?
A	Ukungabi namakhaya kuqhutywa yimiba eyahlukahlukeneyo yezentlalo nezogqosho, kwaye kunokubandakanya ukukhetha ukuhlala ezitalatweni nalapho ezinye iindlela zifumanekayo kumntu. Uninzi, ukuba akunjalo, abantu abahlala ezitalatweni bayalandula ukunikwa indawo yokuhlala yokhuseleko okanye uncendo loluntu. Kwezinye iimeko, oku kungenxa yokunqongophala kolwazi malunga nezisombululo ezizinzileyo ezikhoyo zokuvuselela ubomi babo ezitalatweni. Abanye basenokunganqweneli ukuthobela imithetho kunye nemigaqo yeendawo zokuhlala zokhuseleko, kwaye abantu abaninzi abahlala ezitalatweni banengxaki yokukhotyokiswa gwenxa kweziziyobisi kwaye abakakulungeli ukwamkela indawo yokuhlala kunye nokuvuselelwa ngaphandle kwezitalato. Kukwakho nabo bazama ukuphinda bamanyane, kodwa baphele bebuyela ezitalatweni. Ngenxa yezi zizathu, iYunithi yoManyano lweSixeko isebenza yonke imihla kumasipala ombaxa wonke ukwakha ubudlelane ngokuhamba kwexesha nabantu abahlala ezitalatweni, nokubakhuthaza ukuba bamkele izisombululo ezizinzileyo ngaphandle kwezitalato.

Q	Ungalindela njani ukuba abantu bafudukele kwiindawo zokuhlala zokhuseleko xa kungekho ndawo zaneleyo zokulala?
A	ISixeko sibeka iliso kwizithuba zeebhedi kwiindawo zokuhlala zokhuseleko yonke imihla ukunceda abo bafuna indawo yokuhlala. Kuyo yonke le minyaka mibini idlulileyo yokubeka iliso, akukabikho naluphi na usuku apho bekungekho zibhedi zasimahla zabantu abafuna ukusuka ezitalatweni. Iindawo zokulala zivuleleka yonke imihla njengoko abantu bekwazi ukuphinda baqhagamshelane neentsapho okanye baphumelele ukuphinda bamanyane ngezinye iindawo zokuhlala. Oku kuthetha ukuba inani leendawo zokulala azizange zenzelwe ukulingana nenani labantu abasesitalatweni. Iibhedi zeendawo zokulala zisisixhobo esivuselelekayo esisetyenziswa kuphela ixesha elithile de umntu akwazi ukuzimela, okanye ahlangele nosapho okanye abahlobo bakhe kwimeko enenkxaso.

	ISixeko kunye neendawo zokuhlala zokhuseleko kunye neeNGO ezahlukeneyo zisebenza ngokungapheziyo ukumanya abantu kunye noluntu kunye neentsapho zabo kunye nokubanceda ukuba bafumane iindawo zokuhlala ezizinzileyo. Indawo yokuhlala yokhuseleko okanye nayiphi na enye indawo yokuhlala yeziko ayinakugcinwa ngokuzinzileyo njengekhaya lokugqibela lomntu esitalatweni. Endaweni yoko, yindawo yokwethutyana de umntu ahlanganisweni noluntu.
--	---

Q	Uluntu lungenza ntoni ukunceda?
A	ISixeko sihlaba ikhwelo kubahlali ukuba banikele kwizisombululo ezizinzileyo ezilungiselelwe ukunceda abantu basuke ezitalatweni. Akukho mntu ufanele ahlale kwizitalato ezingakhuselekanga, yaye ukwamkela izicombululo ungekho esitalatweni lolona khetho lufanelekileyo lokhuseleko, isidima, nempilontle. Khuthaza abantu abahlala ezitalatweni ukuba basebenzise iindawo zokuhlala zokhuseleko apho banokuthi bafumane ukutya, ishawa, ibhedi kunye nezinye iinkonzo. Ngokuxhasa umntu ongenakhaya ukuba ahlale esitalatweni, siyabanqanda ekusebenziseni amathuba akhoyo kwiindawo zokuhlala zokhuseleko. Ngelixa kunokubonakala ngathi yinto elungileyo yokwenza, ukugcina abantu esitalatweni kuyenza mandundu imeko kubo kwaye kubathintele ekufikeleleni umgangatho wobomi ongcono. Ngokuxhasa indawo yokuhlala yokhuseleko, amalungu oluntuanceda abantu ukuba bafikelele kumathuba okuziphucula, kunokuba benze imeko ibe mandundu ngokugcina abantu ezitalatweni apho basesichengeni sokwenzakala. Kukwakho namakhaya eenkedama namakhaya abantu abadala afuna inkxaso. Uluntu lunganikela kula makhaya kwaye luncede ukuphakamisa uluntu. Umzekelo, ngaba ubusazi ukuba unokondla umntwana kwikhaya leenkedama ukuya kutsho kwiinyanga ezintandathu ngomnikelo wemali? Umnikelo wakho uya kuqinisekisa ukuba umntwana uyondliwa, uyanxityiswa kwaye unophahla phezu kwentloko yakhe. Ikhaya Labantwana iChristine Revells Children's home eAthlone ngomnye umzekelo weNGO onokuyixhasa ukwenza umahluko wokwenene ebomini bomntu. Uluhlu lweendawo zokuhlala zokhuseleko ezanceda abantu basesitalatweni luyafumaneka apha: Uvimba weDatha weNdawo yokuGcinwa kwabangenaKhaya

Q	Kutheni lento iSebe lezoNyazeliso loMthetho leSixeko linyanzelisa imithetho yalo kubantu abahlala ezitalatweni?
A	Imithetho kamasipala isebenza kubo bonke abahlali kunye neendwendwe zaseKapa. ISebe loNyanzeliso loMthetho leSixeko lifumana amakhulu ezikhalazo qho ngenyanga kuluntu malunga nokuziphatha okuchasene noluntu kunye nokwaphulwa komthetho kamasipala okwenziwa ngabantu abahlala esitalatweni. Qaphela ukuba yonke imithetho, kuqukwa nemithetho kamasipala, isetyenziswa ngokubanzi kwaye isebenza ngokulinganayo kubantu abavela kuzo zonke iinkalo zobomi. Imigqaliselo ekwimithetho kamasipala ijongana nomsebenzi ongekho mthethweni hayi iqela elithile labantu. Eminye imizekelo yezikhalazo ibandakanya: Kugxunyekwa iintente kunye nezakhiwo kwiindawo ezivulekileyo zikawonkewonke ezinje ngepavumente kunye neepaki, ukufumba kwenkunkuma, ukuchama kunye nokuzithuma kwezinye iindawo ezingezizo ezo njongo zokuhlambela, kunye nolwaphulomthetho olumandundu ngakumbi olufana nokuziphatha okubi, ukuphanga nomonakalo. kwiziseko zoncedo zikamasipala, ezinjengohlaselo nokoyikisa.

	Amaxesha amaninzi izenzo zonyanzeliso ngokwemigaqo yoMthetho kaMasipala zixhasa amaphulo okubuyiselwa eluntwini lweSixeko kangokuba abantu abahlala ezitalatweni abaphula imithetho kamasipala banokutyekela ngakumbi ekwamkeleni izithembiso zokubuyiselwa eluntwini ezinikezelwa kubo. Iinkqubo ezimbini ezinxuseneyo (uHlanganiso loBunye kunye noNyanzeliso) ke ngoko zinika inkxaso. Umthetho kamasipala ohlonyelweyo weZitalato, iiNdawo zikaWonkewonke kunye noThintelo lweNtsholongwane yeNgxolo ngoku ufuna ngokukodwa ukuba kunikezelwe enye indawo yokuhlala, kwaye uqinisekisa ukuba ukulala nokukhempisha ubusuku bonke kwiindawo zikawonkewonke akusachazwa njengetyala elizenzekelayo ukuba akukho ndlela yimbi efumanekayo. umntu. Kuphela kusemva kokwala unikezelo lwendawo yokuhlala yokhuseleko kunye noncedo loluntu, apho umthetho uthabathe inyathelo lawo njengeninyathelo lokugqibela eliyimfuneko kulawulo oluzinzileyo lweendawo zoluntu. UMthetho kaMasipala weZitalato ukhona ukususela ngo2007, uthintela ubukhulu becala ukuziphatha okufanayo kwiindawo zikawonkewonke njengabo bonke abanye oomasipala eMzantsi Afrika kodwa nakwezinye iindawo ehlabathini, ukuqinisekisa ngolawulo oluzinzileyo lweendawo zoluntu.
--	---

Q	Ngaba abasebenzi boNyanzeliso loMthetho bayazisusa izinto zabantu abahlala esitalatweni?
A	Amagosa akasusi naziphi na izinto zabantu abahlala esitalatweni. Kuphela yinkunkuma eqokelelwe kwiziza esuswayo. Ukwakhiwa kwenkunkuma kwiindawo ezivulekileyo kuzisa iingozi zempilo kuluntu nakwabo bahlala ezitalatweni. Ngexesha lomsebenzi, amagosa acela ukuba abantu baqokelele izinto zabo zobuqu ngaphambi kokuba baqhubeke. Apho izinto zobuqu zingabangwanga, ezo zinto zifakwa engxoweni, zibhalwe phantsi zize zisiwe kwisikiti seSixeko saseNdabeni apho zinokuthathwa ngumnini. Qaphela ukuba uMthetho wePIE (UMthetho wokuThintela ukuKhutshwa ngokuNgekho Mthethweni nokuHlala ngokuNgekho Mthethweni eMhlabeni) usebenza kwizakhiwo ezidlulayo kunye neentente ezisetyenziswa ngabantu abahlala esitalatweni, kwaye ufuna iSixeko senze isicelo somyalelo wokukhutshwa ukuze kususwe abantu abahlala esitalatweni ngokungekho mthethweni, kwaye bonelela ngenye indawo yokuhlala njengoko ilungile kwaye ifanelekile ukwenza njalo.

Q	Abantu basezitalatweni ababefudula bafuduswa, okanye bashiye indawo ethile bayabuya. Siza kwenza ntoni iSixeko ngaloo nto?
A	ISixeko sikhusela iimfuno zoluntu ngokunyanzelisa imithetho kamasipala. Oku kuthintela ukugxunyekwa kweentente okanye izakhiwo eluntwini, ukutshiswa kwemililo kwiindawo ezingamiselwanga le njongo, kunye nokulawula kwindlela yabahambi ngeenyawo apho iphazamisana nendlela ekhuselekileyo yabahambi ngeenyawo. Eminye imimiselo yomthetho kamasipala ijongana nemisebenzi kunye nokuziphatha kwiindawo zikawonkewonke. UMthetho kaMasipala weZitalato, weNdawo zoLuntu kunye noThintelo lweNgxobhozo yeNgxolo uye walungiswa ukuze ubonise indlela ekhoyo ngoku apho izibonelelo ezithile zinyanzeliswa. Ngoko ke, inyathelo lonyanzeliso kufuneka landulelwe kunikezelo lwendawo yokuhlala yokhuseleko eyenye eya kuthi kwiimeko ezininzi iphindaphindwe ngamagosa onyanzeliso kwaye ekukhatyweni kwesithembiso esinjalo, iSaziso sokuThobela esibeka izibophelelo kumamkeli siya kukhutshwa. Ngokufanayo, kunye noMthetho kaMasipala omtsha wokuSebenza ngokuNgagunyaziswanga. Akukho mntu ungowasesitalatweni kwaye yonke into ifuna ukujoliswa kumanyano kunye nokunceda abantu abahlala ezitalatweni bafumane umvuzo ozinzileyo kunye nendawo yokuhlala kude nezitalato. Oku kufuna indlela yoluntu lonke.

Q	Kufuneka ndenze ntoni ukuxela iingxaki zabantu basesitalatweni okanye ukucela uncedo kumntu osesitalatweni?
A	IZiko leeNgxamiseko linokufumaneka kule nombolo 021 480 7700 kwiselfowuni, okanye ku112 – umnxeba wasimahla kumboneleli wenkonzo weselula oya kudlulisela umnxeba kwiziko leefoni leSixeko, okanye inombolo eyi107 kumnxeba wasekhaya. Abasebenzi bezentlalo okanye abasebenzi bomthetho baya kuthunyelwa emva koko ngokusekelwe kwinqanaba eliphambili lesicelo.

Q	Yiyiphi inkqubo elandelwayo ngexesha lokusebenza?
A	Imisebenzi inezigaba ezithathu: Inqanaba loku1 UPhuhliso loLuntu lweSixeko lubonelela ngenye indawo yokuhlala yokhuseleko yokwethutyana kuye nawuphi na umntu osesitalatweni ofunyenwe ehlala kwindawo ethile ngokungekho mthethweni. ISebe Lokunyanzelisa uMthetho leSixeko likhupha izaziso zokuthobela kuye nabani na umntu ofunyenwe esaphula imithetha kamasipala yeSixeko. Izaziso zokuthobela ziya kubonisa: a) Izibonelelo okanye iimeko ezithe zachaswa b) Isenzo esifunekayo ukuze kuthotywe c) Amanyathelo ekufuneka athatyathwe ukulungisa olo tyeshelo d) Ixesha ekufuneka kwenziwe ngalo konke oku Inqanaba lesi2 Isaziso seCandelo 56 (isohlwayo) sikhutshwa kuye nawuphi na umntu ongaphumeleliyo ukuthobela isaziso sothotyelo esinikezelweyo. Inqanaba lesi3 Umntu wasesitalatweni unikwa enye indawo yokuhlala yokhuseleko yethutyana. Ukuba bayala, iinkcukacha zabo zibhaliwe, yaye banikwa ithuba lokukhupha izinto zabo. Ukuba bayasilela ukwenza oko, banikwa isaziso seCandelo lama56 ngokwemiqathango yomthetho Izitalato, iiNdawo zoLuntu kunye ne UMthetho kaMasipala woThintelo lweNtsholongwane yeNgxolo okanye nawuphi na umthetho kamasipala ofanelekileyo. Yonke inkunkuma imathiriyeli njengoko ichaziwe kwi Umthetho kamasipala ohlonyelweyo woLawulo lweNkunkuma oluDityanisiweyo echongwe njengenkunkuma nguMphathiswa kaZwelonke kwiPhephandaba loMbuso ngokwemiqathango yoLawulo lokusiNgqongileyo kweSizwe: UMthetho weNkunkuma ka2008 (uMthetho onguNombolo 59 ka2008) uya kusiwa kwindawo yokulahla inkunkuma.